

Is it a good book?

You can't discover the joy of reading without having good books to read! And, the more books that children have around them, the more likely they are to pick one to try.

But how do you know which books are "good"? Well, a good book is simply one that your child enjoys! Here are some tips to help you choose books that your child is most likely to enjoy. (Remember that the age ranges given are only a guide.)

- Babies and toddlers often like books with bold, colourful pictures and a few words in them. They also like simple stories with pictures and short sentences, and books with rhymes. Books made of cloth or board are often the most practical because babies do like to chew, pat, hit and drop books!
- Children aged 2 to 5 years mostly enjoy picture books – stories that have pictures and accompanying text that can be read in one sitting. Stories can be about everyday life or about the imaginary worlds of fairies, dragons and animals that talk and act like people. Children in this age group also often enjoy some simple information books with lots of photographs.

Most children learn to read between the **ages of 6 to 11 years**. Many still enjoy picture books and especially enjoy trying to read books that were read to them when they were younger! As they begin to read chapter books, children often find particular authors whose books they enjoy. Recipe books and other "how to" books, as well as joke books and fact books, are popular with this age group.

Regular readers aged twelve and older usually choose books for themselves. Suggest new authors to children of this age or suggest authors who write books on similar topics or in a similar style to the ones they have already read and enjoyed. Many teenagers enjoy books that focus on the challenges of growing up, while others prefer to escape into the world of fantasy!

Remember too that choosing books is a skill that will be useful to your children throughout their lives. Show them how to do this and encourage them to try books that interest them.

For ideas on which books your child might enjoy, visit "Book Box" on www.nalibali.org or www.nalibali.mobi.

Ingaba yincwadi emnandi kusini na?

Mme wa

Dintle

Afrika

Awukwazi ukufumana ubuncwane bokufunda ngaphandle kweencwadi ezimnandi zokufunda! Kwaye, okukhona zininzi iincwadi ezingqonge abantwana bakho, kokukhona ungabafumana bekhetha enye kuzo bazame ukuyifunda.

Mbali

Kodwa ke, wazi njani ukuba zeziphi iincwadi "ezimnandi"? Mamela ke, incwadi emnandi yileyo umntwana wakho ayonwabelayo! Nazi ezinye iingcebiso zokukunceda ukhethe iincwadi umntwana wakho anokuzonwabela. (Khumbula ukuba obu budala bubekiweyo apha sisikhokelo nje kuphela.)

- lintsana nabantwana abasabhadazayo bathanda iincwadi ezinemifanekiso emibalabala nengqindilili, kwaye ezinamagama ambalwa, Kananialo, bathanda namahali alula
- Abantwana abaneminyaka emi-2 ukuya kwemi-5 bonwabela kakhulu iincwadi zemifanekiso – amabali anemifanekiso ekhatshwa yitekisi enokufundwa igqitywe ihlalelwe kwakanye. Amabali angabalisa ngobomi bemihla ngemihla okanye ilizwe leentsomi, amagongqongqo kunye nezilwanyana ezithethayo nezenza izinto ezenziwa ngabantu. Abantwana abakobu budala badla ngokuzonwabela iincwadi zolwazi ekulula ukulugcina kwanezinemifanekiso emininzi.
- Uninzi lwabantwana lufunda ukufunda phakathi **kweminyaka emi-6 ukuya kweli-11**. Abaninzi kubo bayazonwabela iincwadi zemifanekiso kwaye bakonwabela ngakumbi ukuzama ukufunda iincwadi ababezifundelwe besebancinane! Njengokuba begalisa

ngabantwana abakweli qela lobudala.

Abalesi abafunda rhoqo **abaneminyaka eli-12 nangaphezulu** badla ngokuzikhethela iincwadi abaza kuzifunda. Cebisa abantwana bakho abakobu budala ngababhali abatsha okanye ubacebise ngabanye ababhali ababhala ngezi zinto banomdla kuzo nezifana nezo sebezifundile nabaza kuzonwabela. Uninzi Iwabafikisayo lonwabela iincwadi ezinika ingqalelo imingeni yokukhula, lo gama abanye bekhetha ukusithela ngelizwe leentsomi!

Khumbula kananjalo ukuba ukukhetha iincwadi sisakhono esiza kuba luncedo ebantwaneni bakho ubomi babo bonke. Babonise ukuba zikhethwa njani iincwadi kwaye ubakhuthaze ukuba bazame iincwadi ezinomdla kubo.

anemifanekiso nezivakalisi ezifutshane, kunye neencwadi ezinezicengcelezo. lincwadi ezenziwe ngelaphu okanye ibhodi zisoloko zizezona kulula ukuzisebenzisa kuba iintsana zithanda ukuziluma, zizibhambathe, zizibethe okanye ziziwise! ukufunda iincwadi ezinezahluko, abantwana baye bafumanise ukuba bonwabela ukufunda iincwadi ezibhalwe ngababhali abathile. Iincwadi zeeresipi kunye nezinye ezibonisa ukuba "izinto zenziwa njani na" kwakunye nezeziqhulo nezinezinto ezibunyanirha, zithandwa kakhulu

Ukuze ufumane iingcebiso ngokukhetha iincwadi umntwana wakho anokuzonwabela, ndwendwela u-"Book Box" ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi.

Drive your imagination

Read to me. Again! Again! Ndifundele. Phandaphinda! Ungadinwa!

•



It starts with a story.

This supplement is available during term times in the following Times Media newspapers: The Times in the Western Cape, The Sowetan in the Free State, Gauteng and KwaZulu-Natal; The Daily Dispatch and The Herald in the Eastern Cape.



Every year, the Kidz2Kidz Trust runs various projects aimed at teaching children the "art of giving" to create an awareness of others less fortunate than themselves. Last year, they distributed a massive 100 000 gifts through their Santa Shoebox project, in which people donate shoeboxes filled with small gifts at Christmas. We spoke to the founder of the organisation, Dee Boehner, to find out more about their projects.

What projects do you run that involve literacy?

We have the Kidz2Kidz projects, which include Teachers2Teachers. Within this project, we have Literacy2Kidz, Numbers2Kidz, Sports2Kidz and Art2Kidz. The literacy project includes setting up book corners in classrooms to encourage reading from a young age. In the Teachers2Teachers project, teachers share knowledge with one another to ensure that the children in their care receive the teaching and resources they need to develop their literacy skills, which we believe is a real life skill! Even our Santa Shoebox project includes a storybook, which



Kidz2Kidz

is read to the children receiving their gift boxes. The book shares the story of giving.

October is International School Library Month. How are you using "book corners" to encourage reading?

Setting up book corners is part of our Teachers2Teachers project. Children are encouraged to spend time in the book corners to get to know the books. We also train teachers how to use these corners to encourage children to read. The teachers have a time in the day when they call, "DEAR – Drop Everything And Read", which is both playful and inspiring. The children stop doing what they are doing, fetch a book, and read. They love it! We encourage volunteers to spend time reading to the children and we also look for donations of books to help stock these corners. (Turn to page 7 of this supplement to see how you can help.)

What is your latest project?

"Lovy loves you" is a fun yet sensitive coaching project created by Annett Brumester, one of our volunteers from Germany. The project forms part of a workshop run with children to teach them self-love, self-esteem and self-worth from an early age. The project uses our fun little character LOVY. We also use a storybook which was developed especially for this project and is available in English, Afrikaans, isiXhosa, Sesotho and isiZulu. First the story is shared during workshops and then the children are encouraged to read it in their home language.

Iimbalasane zamabali Isiphiwo sokupha

Rhoqo ngonyaka, iKids2Kidz Trust iqhuba iiprojekthi ezijoliswe ekufundiseni abantwana "isiphiwo sokupha" ukubenza baqonde ukuba kukho abantwana abahlelelekileyo kunabo. Kulo nyaka uphelileyo, bahambise izipho ezili-100 000 ngoncedo lweprojekthi yabo ebizwa ngokuthi yiSanta Shoebox, apho abantu baphisa ngeebhokisi zezihlangu ezizele zizipho ezincinane zabantwana zeKrismesi. Sithethe nalowo waseka le projekthi, uDee Boehner, ukufumanisa ngaphezulu ngeprojethi yabo.

Zeziphi iiprojekthi oziqhubayo ezibandakanya ilitheresi?

Sineprojekthi ebizwa ngokuba yiKidz2Kidz, equka enye ebizwa ngokuba yiTeachers2Teachers. Kule projekthi kukho iiprojekthi ezibizwa ngokuba yiLiteracy2Kidz, iNumbers2Kidz, iSports2Kidz kunye neArt2Kidz. Le projekthi yelitheresi iquka ukumisela iikona zeencwadi eziklasini ukukhuthaza ukufunda ebantwaneni beselula. Kwiprojekthi yeTeachers2Teachers, ootitshala babelana ngolwazi ukuqinisekisa ukuba abantwana abaphantsi kwenkathalo yabo bafumana ukufundiswa kunye nezixhobo abazifunayo ukuphuhlisa izakhono zabo zelitheresi, esikholelwa ukuba zizakhono zobomi zokwenene. Nditsho neprojekthi yethu yeSanta Shoebox iquka incwadi yamabali, ethi ifundelwe abantwana abafumana ezo bhokisi zizizipho. Le ncwadi ibalisa ibali lokupha.

EyeDwarha yiNyanga yamaThala eZikolo yeHlabathi. Uzisebenzisa njani "iikona zeencwadi" ukukhuthaza ukufunda?

Ukumisela iikona zeencwadi yinxalenye yeprojekthi yeTeachers2Teachers. Abantwana bakhuthazwa ukuba bazinike ixesha leekona zeencwadi ukuze bazazi iincwadi. Kananjalo siqeqesha ootitshala ngedlela yokusebenzisa ezi kona zeencwadi ukukhuthaza abantwana ukuba bafunde. Ngosuku ootitshala banexesha abathi bakhwaze ngalo bathi, "SITHANDWA –Yeka konke okwenzayo ufunde", kwaye oko kuyavuselela kwaye kungumdlalo nokuba ngumdlalo. Abantwana bayeka konke ebebekwenza bathathe incwadi baze bafunde. Bayalithanda eli xesha! Sikhuthaza amavolontiya ukuba achithe ixesha efundela abantwana kwaye sikhangela namalizo aziincwadi ukuze sikwazi ukuzifaka kwezi kona zeencwadi. (Tyhila kwiphepha lesi-7 kolu hlelo ukhangele ukuba unganceda njani na.

Ithini iprojekthi yakho yakutsha nje?

"ULovy uyakuthanda" yiprojekthi eyonwabisayo kodwa inzulu kuqeqesho neyasungulwa nguAnnett Brumester, omnye wamavolontiya ethu avela eJamani. Le projekthi yinxalenye yocweyo olulungiselelwe ukufundisa abantwana ukuzithanda, ukuzithemba kunye nokuzixabisa ukususela besebancinane. Le projekthi isebenzisa umlinganiswa omncinci wethu ohlekisayo uLOVY. Sisekwasebenzisa nencwadi yamabali eyathi yabhalwa ngokukodwa, ibhalelwa le projekthi kwaye iyafumaneka ngesiNgesi, nge-Afrikaans, isiXhosa, iSesotho nesiZulu. Kuqala, ibali kwabelwana ngalo ngexesha locweyo baze abantwana bakhuthazwe ukuba balifunde ngolwimi lwabo lwasekhaya.

Across the country, individuals and organisations are finding ways to make reading and writing part of children's daily lives. To say thank you, our featured Story Stars will receive meal vouchers* courtesy of Wimpy to enjoy with the children in whose lives they are making a difference.



Kulo lonke ilizwe, abantu nemibutho bafumana iindlela zokwenza ukufunda nokubhala inxalenye yobomi bemihla ngemihla babantwana. Ukubabulela, iiMbalasane zamaBali zethu ekubhalwe ngazo ziza kufumana iivawutsha zokutya* ezizinikwa ngembeko nangoncedo lwabakwaWimpy ukuze bazonwabele nabantwana abenza umahluko ebomini babo.

* For terms and conditions that apply, go to www.nalibali.org/story-stars.

Nafibali on radiol

Enjoy listening to stories in isiXhosa and in English on Nal'ibali's radio show:

* Ukufumanisa imimiselo nemiqathango esetyenziswayo, yiya ku-www.nalibali.org/story-stars.

UNalfibali kunomathotholo!

Yonwabela ukuphulaphula amabali ngesiXhosa nangesiNgesi kwinkqubo kanomathotholo yeNal'ibali:

Umhlobo Wenene FM on Monday to Wednesday from 9.30 a.m. to 9.40 a.m.

SAfm on Monday, Wednesday and Friday from 1.50 p.m. to 2.00 p.m.



2

Umhlobo Wenene FM ngoMvulo ukuya kuLwesithathu kusasa, ukususela ngo-9.30 ukuya ngo-9.40.

SAfm ngoMvulo, ngoLwesithathu nangoLwesihlanu emini, ukususela ngo-1.50 ukuya ngo-2.00.

Create your own cut-out-and-keep book

- 1. Take out pages 3 to 6 of this supplement.
- 2. Fold it in half along the black dotted line.
- 3. Fold it in half again.
- 4. Cut along the red dotted lines.

Zenzele eyakho incwadana onokuyisika-ze-uyigcine

- 1. Thatha iphepha lesi-3 ukuya kwelesi-6 kolu hlelo.
- 2. Wasonge esiphakathini kumgca wamachaphaza amnyama.
- 3. Phinda uwasonge esiphakathini kwakhona.
- 4. Sika kwimigca yamachaphaza abomvu.





Just right! is from the Rainbow Reading series by Cambridge University Press. Rainbow Reading is a graded series for primary schools. It provides a wealth of original stories and factual texts, which will help learners to develop the reading skills and vocabulary they need to meet the requirements of the curriculum – in all learning areas. Rainbow Reading consists of 350 titles which are grouped by level and theme. For further information, visit www.cup.co.za


Just right! Lindilingana nœal

CAMBRIDGE

Fold

"You are right," said Crab. He found a big round shell. "What about this one?"

"Unyanisile," watsho uNonkala. Waphinda wakhangela, wafumana iqokobhe elikhulu elingqukuva. "Linjani eli?"





Turtle tried on the big round shell with the beautiful pattern.

UFudo Iwalinganisa iqokobhe elikhulu elingqukuva elenziwe kakuhle.

Cambridge University Press P O Box 50017, V&A Waterfront, 8002 Tel 021-4127800 | Fax 021 4198418 Email info@cup.co.za

Drive your

imagination



vww.cup.co.za

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark children's potential through storytelling and reading. For more information, visit www.nalibali.org or www.nalibali.mobi





t starts with a story...


Fold '

3

INal'ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukozonwabisa nokuvuselela umdla ebantwaneni ngokubalisa amabali nokufunda. Ngeenkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-www.nalibali.org okanye ku-www.nalibali.mobi








They found empty shells lying on the seabed. Crab said, "This one is beautiful. Try it on, Turtle."


Turtle put the shell on. "This one looks good!" he said. "But it is too small."

Bafumana amaqokobhe amaninzi ethe sa elwandle. UNonkala wathi, "Eli lihle, zama ukulilinganisa, Fudo."

UFudo lwalinganisa iqokobhe. "Ewe lihle!" lwatsho. "Kodwa lincinane kakhulu."



L



"This one looks good," he said. "But it is too big."

"Eli lihle," watsho. "Kodwa likhulu kakhulu."

1

I

1

1

1

1

1



Turtle was unhappy. He went to visit Crab.

UFudo lwalungonwabanga. Lwagqiba ukuba lundwendwele uNonkala.




Crab smiled, "I think the best shell was your own one all along!"

Turtle laughed, "It's true. My shell isn't so bad after all!"

UNonkala wancuma wathi, "Ndicinga ukuba elona qokobhe likufaneleyo nelikulinganayo ibisoloko ilelakho kakade!"

UFudo lwahleka lwathi, "Unyanisile. Iqokobhe lam alikho libi ngolo hlobo!"





Turtle put on the shell. "This one is just right!" he said. UFudo lwalinganisa iqokobhe. "Eli lindilingana nca!" lwatsho.


Crab and Turtle looked at the other shells. There were many beautiful shapes and sizes.

"Try this one," said Crab.

UNonkala noFudo bajonga amanye amaqokobhe. Kwakukho amaqokobhe amaninzi namahle, ashiyanayo ngobukhulu nangafaniyo ngendlela enziwe ngayo.

"Ia emez", watsho uNonkala.






"Ndikhangela iqokobhe elitsha," watsho uNonkala. "Iqokobhe lam elidala lincinane kakhulu."

"Molo, Nonkala. Wenzani?" lwabuza uFudo.

"I am looking for a new shell," Crab said. "My old shell is too small."

"Hello, Crab. What are you doing?" Turtle asked.



So Turtle and Crab went off to look for new shells.

Fold

1

н

н

1

T T

1


н

kuthe ngoko ke, uFudo noNonkala bahamba bayokufuna amaqokobhe amatsha.

14




3






"Oww!" said Turtle. "This one looks good, but it hurts!" "Mwu!" lwatsho uFudo. Lwaluhle olu, kodwa lundihlaba kabuhlungu!"



"Njengokuba ndikhula, iqokobhe lam liya liba lincinane, ngoko ke kufuneka ndifumane elinye elitsha."

oktewi ", aktive elitsha," lwatsho "Akwaba bendinokufumana iqokobhe elitsha," lwatsho uFudo, "ndidiniwe leli lam lidala."



1

T T



"Too small?" Turtle asked, "Why?"

"As I grow, I get too big for my shell, so I have to find a new one."

"I wish I could get a new shell," Turtle said. "I'm tired of my old one." S JU GRAGE

Turtle was very sad. "I'm never going to find a shell that fits," he said.

"I have an idea," said Crab. "Try this one on."

UFudo lwalulusizi kakhulu. "Soze ndilifumane iqokobhe elindilinganayo," lwatsho.

"Ndinecebo," watsho uNonkala. "Zama eli."





Get story active!

Before

Before you read the story Just right! with your children:

- read the title to them and talk about the picture on the front cover together. Can they guess what the story is about by using these details?
- read the author and illustrator's name.

During

- As you read, help develop children's prediction skills by asking, "What do you think will happen next?" after you have read pages 6 and 10.
- Draw your children's attention to the shell Crab has found in the picture on page 13. Can they tell who it belongs to?
- Look at some of the pictures more closely. Draw your children's attention to the details of the shells and talk about these together.

After

- Ask your children what lesson they think Turtle learnt in this story.
- Tell your children about a time when you compared yourself to others and felt dissatisfied with something about yourself only to find out later that it was something quite useful.
- Encourage younger children to draw a picture that shows something that they like about themselves. Ask them to tell you about their picture and then write the words that they tell you.
- Encourage older children to write a shape poem about themselves which highlights what they like about themselves. Let them write their poem in the shape of one of the shells in the story.

October is International School Library Month and here are two ways you can help to grow the number of books children have access to.

The Kidz2Kidz Trust encourages children to read from an early age and is always looking for donations of age-appropriate books (1–9 years) that can be enjoyed in their classroom "book corners". To donate, email info@kidz2kidz.co.za.

You can also visit http://nalibali.org/support-us/readingclubs/ to find a reading club in your province looking for books and other resources to grow their clubs.

Yenza ibali linike umdla!

Phambi kokuba ufunde

- Phambi kokuba ufunde ibali elithi, Lindilingana nca! kunye nabantwana bakho:
- bafundele isihloko nize nincokole malunga nomfanekiso okwiqweqwe langaphambili ninonke. Ingaba bayakwazi ukuqashela ukuba ibali limalunga nantoni na ngokusebenzisa ezi nkcukacha?
- funda amagama ombhali kunye nawomzobi.

Xa ufunda

- Njengokuba ufunda, nceda abantwana baphuhlise izakhono zokuxela ngenx' engaphambili ngokubabuza uthi, "Nicinga ukuba kuza kwenzeka ntoni elandelayo?" emva kokuba ufunde iphepha lesi-6 kunye nele-10.
- Khombisa abantwana bakho iqokobhe uNonkala alifumeneyo emfanekisweni okwiphepha le-13. Ingaba bayalazi ukuba lelikabani na?
- Jongisisani eminye imifanekiso ngobunono. Khombisa abantwana bakho iinkcukacha zeqokobhe nize nithethe ngazo ninonke.

Emva kokufunda

- Buza abantwana bakho ukuba sesiphi isifundo uFudo olusifundileyo kweli bali.
- Balisela abantwana bakho malunga nexesha owawuzithelekisa nabanye abantu kwaye ungaxolanga malunga nento ethile esiqwini sakho waza wafumanisa ekuhambeni kwexesha ukuba loo nto yinto enomsebenzi omkhulu.
- Khuthaza abantwana abancinane ukuba bazobe umfanekiso obonisa into abayithandayo ngeziqu zabo. Bacele bakuxelele ngomfanekiso wabo uze ubhale phantsi amagama abakuxelela wona.
- Khuthaza abantwana abadala babhale umbongo othetha ngendlela abamile ngayo noqaqambisa izinto abazithandayo ngabo. Lo mbongo mabawubhale ngomfuziselo wokumila kwelinye lamaqokobhe asebalini.

EyeDwarha yiNyanga yamaThala eZikolo yeHlabathi kwaye nazi iindlela ezimbini onokunceda ngazo ukwandisa inani leencwadi abantwana abanokufikelela kulo.

ITrasti yeKidz2Kidz ikhuthaza abantwana ukuba bafunde beselula kwaye isoloko ikhangela amalizo eencwadi ezihambelana nobudala babo (iminyaka ukusuka ko-1 ukuya kweli-9) ezinokonwatyelwa "kwikona yeencwadi" yeklasi yabo. Ukunikezela ngamalizo, thumela i-imeyili ku-info@kidz2kidz.co.za.

Kananjalo ungandwendwela ku-http://nalibali.org/support-us/reading-clubs/ ukuze ufumane iklabhu yokufunda kwiphondo lakho, efuna iincwadi kunye neminye imithombo yokukhulisa iiklabhu zabo.



Collect the Nal'ibali characters

Cut out and keep all your favourite Nal'ibali characters and then use them to create your own pictures, posters, stories or anything else you can think of!

About Bella

Age: 5Favourite outing place:Friend: NeobeachPet: NoodleLikes stories about:Lives with: her mom and
Noodlequeens, princesses, witches
and animalsFavourite colour: greenFavourite colour:

Here's an idea...

Cut out and colour in the picture of Bella and then paste it on a large sheet of paper. Then do one or more of the following things.

- Make up a name for the book Bella is reading.
- Draw a speech bubble and write in it what Bella is saying as she reads aloud from her book.

Or, keep the picture in a safe place and when you have collected all the Nal'ibali characters, use them to create your own Nal'ibali poster!

7

Nantsi ingcingane...

Sika uze ufake umbala kumfanekiso kaBella, ze uwuncamathisele kuxwebhu lwephepha elikhulu. Emva koko, yenza enye okanye ngaphezulu kwezi zinto zilandelayo.

- Qamba isihloko sencwadi efundwa nguBella.
- Zoba iqampu lentetho uze ubhale kulo ukuba inokuba uthini na uBella njengokuba efunda encwadini yakhe ngokuvakalayo.

Okanye, wugcine lo mfanekiso endaweni ekhuselekileyo uze uthi xa ubaqokelele bonke abalinganiswa beNal'ibali, uzenzele eyakho ipowusta yeNal'ibali!

Qokelela abalinganiswa beNal'ibali

Sika uze ugcine bonke abalinganiswa obathandayo beNal'ibali, uze ubasebenzisele ukwenza eyakho imifanekiso, iipowusta, amabali okanye nantoni na onokucinga ngayo!

Okumalunga noBella

Ubudala: iminyaka mi-5 Umhlobo wakhe: nguNeo Isilo-qabane sakhe: nguNoodle

Uhlala: nomama wakhe kunye noNoodle

Owona mbala awuthandayo: uluhlaza Eyona ndawo athanda ukuphuma aye kuyo: elwandle

Uthanda amabali: amalunga nookumkanikazi, iinkosazana, amagqwirhakazi kunye nezilwanyana.



Story corner

Here is the final part of the story about Vusi, his younger sister, Sinazo, and their pets for you to read aloud or tell.

Vusi and Sinazo (Part 2) by Helen Brain

At that exact moment Fluffy leaped off the wardrobe and landed on Granny's head. And at that exact moment Domino tried to jump onto the wardrobe, but instead landed on Granny, knocking her over.

Granny was very cross. "You children won't be getting any chocolate after church today. Now put the animals in the yard and let's go to church," she said.

The children shut the animals in the yard and off they went to church. Domino went to sleep in the sun, but Fluffy climbed onto the roof of the house so that she could see far and wide. Suddenly she heard a soft, squeaky noise. Someone was trying to open the gate into Granny's vegetable garden! Fluffy looked over the edge of the roof and saw a bad man stealing Granny's mealies!

"Hooooowwwwatcha!" Fluffy screeched, jumping right onto the man's head.

"Get off!" screamed the thief.

The noise woke up Domino. He came bounding around the corner. "Woof! Woof! Get out!" he barked.

"Get away from me!" yelled the thief. He jumped over the fence, but Domino was waiting for him. Domino grabbed the thief's trousers. He pulled and pulled, and growled and growled, and shook and shook. The thief was terrified.

"Let go!" he screamed, but then, RRRRRIIIPPP! The thief's trousers tore right off. He ran away – up the hill, past the church and all the way home.

Just then Vusi, Sinazo and Granny came out of church. They laughed when they saw a man running by with no trousers on. Then they saw Domino running after him with the man's trousers in his teeth.

"You are both very good animals," said Granny when they got home. "You have saved my vegetables from that thief."

"Does that mean we get chocolate after all?" asked Vusi.

"Yes," said Granny. She bought them each a bar of peppermint chocolate. Then she bought a juicy bone for Domino and a tin of tasty fish for Fluffy.

The thief was so shy because everyone had seen him without his trousers on that he ran away to another town, and was never seen again.

Tell us if you liked the story, *Vusi and Sinazo* – SMS "Bookmark" with your name and your comments to 32545. R1,00 per SMS.

In your next Nal'ibali

• A story for the teacher in all of us

Find us on Facebook: www.facebook.com/ nalibaliSA Sifumane kuFacebook: www.facebook.com/ nalibaliSA Ikona yamabali

Nantsi inxalenye yokugqibela yebali elimalunga noVusi kunye nodadewabo omncinane uSinazo, kunye nezilo-qabane zabo, lifunde ngokuvakalayo okanye ulibalise.

UVusi noSinazo (Inxalenye 2) ibhalwe nguHelen Brain

Kanye ngaloo mzuzu uFluffy wenza owenkawu umtsi watsibela entloko kuMakhulu. Kuthe kwangaxesha nye uDomino wazama ukuxhumela phezulu ekhabhathini yempahla, kodwa suka watsibela kuMakhulu, wamwisa phantsi.

UMakhulu wayenomsindo kakhulu. "Nina bantwanandini anisayi kufumana tshokholethi ukuphuma kwecawe namhlanje. Thathani ezi zilwanyana ngoku nizikhuphe phandle, ze siye ecaweni," utshilo.

Abantwana bavalela izilwanyana ngaphandle baza baya ecaweni. UDomino walala elangeni, kodwa yena uFluffy wagwencela eluphahleni lwendlu ukuze abone iindawo ezikude. Ngephanyazo weva ingxolo evakalela ezantsi, netswinayo. Kwakukho umntu owayezama ukuvula

isango lesitiya semifuno sikaMakhulu! UFluffy wakroba kwincam yophahla waza wabona indoda elisela isiba umbona kaMakhulu!

"Awooooowwwwatsha!" watsho ngesikhalo esihlabayo uFluffy, etsibela entloko kule ndoda.

"Suka kum!" lakhala isela.

Loo ngxolo yavusa uDomino. Weza egaba ukujikela ikona. "Hawu! Hawu! Phuma!" wakhonkotha.

"Ndiyekeni!" lakhala isela. Latsiba ucingo, kodwa uDomino wayelilindile. UDomino wathi nqaku ibhulukhwe yesela. Wayitsala, wayitsala, egragrama nokugragrama njalo waze walidlikidla nokulidlikidla. Isela lalisoyika kakhulu.

"Ndiyeke!" lakhala, kodwa kusenjalo, KKKRRREEE! Ibhulukhwe yesela yakrazuka yonke. Labaleka lanyuka induli isela, ladlula ecaweni labaleka lagoduka.

Kanye ngaloo mzuzu, uVusi noSinazo noMakhulu babephuma ecaweni. Bahleka xa bebona indoda ibaleka igqotsile, inganxibanga bhulukhwe. Emva koko, babona uDomino eyisukela erhuqa ibhulukhwe yaloo ndoda ngamazinyo.

"Nizizilwanyana ezilungileyo nobabini," watsho uMakhulu xa befika ekhaya. "Niyikhusele imifuno yam kwelaa sela."

"Ingaba oko kuthetha ukuba siza kuyifumana itshokholethi?" wabuza uVusi.

"Ewe," watsho uMakhulu. Wathengela umntwana ngamnye itshokholethi yeminti. Wathengela uDomino ithambo elinencindi emnandi, waza uFluffy yena wafumana inkonkxa yentlanzi enencasa.

Isela lalineentloni kakhulu kuba wonke umntu walibona libaleka ngaphandle kwebhulukhwe yalo. Lagqiba kwelokuba limke lifudukele kwenye idolophu ekude, kwaye zange liphinde libonwe kwakhona.

Sixelele ukuba ulithandile kusini na ibali elisihloko sithi, *UVusi noSinazo* -SMSa u-"Bookmark" negama lakho kunye namagqabantshintshi akho ngebali ku-32545. I-SMS nganye ixabisa i-R1,00.

Kuhlelo lwakho olulandelayo lweNal'ibali:

- lbali likatitshala esinguye sonke
- Construction of the second sector of the second sec




Illustration by Jiggs Snaddon-Wood Umfanekiso nguJiggs Snaddon-Wood

- Story Stars: Making reading fun
- Reading club corner: Days to celebrate in November
- A cut-out-and-keep book, Where is Patch?

Need copies of this supplement in other languages or back copies of older supplements? Download them for free at: http://nalibali.org/supplements/.

- limbalasane zamabali: Ukwenza ukutunda kube lulonwabo
- Ikona yeklabhu yokufunda: lintsuku ezibhiyozelwa kweyeNkanga
- Incwadana onokuyisika-ze-uyigcine, Uphi uPatch?

Ingaba ufuna iikopi zolu hlelo ezibhalwe ngezinye iilwimi okanye iikopi zohlelo lwakudala? Zikopele simahla ku-http://nalibali.org/supplements/.

Supplement produced by The Project for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA) and Times Media Education. Translated by Nobuntu Stengile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

8



Daily Dispatch



The Times

